Isalathiso: 20160920-4365
14/7/1/2
Imibuzo: AB Jantjies

ISetyhula: 0037/2016
Umhla wokuphelelwa: 2016:11:30

Iya: KumaSekela Balawuli-Jikelele; kuBalawuli abaziiNtloko; kuBalawuli (kwaNdlunkulu nakwii-ofisi zezithili); kwiiNgcali zeMfundo eziziiNtloko; kuBaphathi bokuNika iNkxaso kwiKharityhulam; kuBaphathi beeSekethe; kuBaphathi bezeNgcaciso, uKuphathwa noLawulo lwaBasebenzi ngoBuchule; kuBaphathi beeKomiti zeeSekethe; kumaSekela eeNgcali zeMfundo eziziiNtloko; kuBaququzeleli boVavanyo; kumaSekela eeNgcali zeMfundo eziziiNtloko; kuBaququzeleli boVavanyo; kuBacebisi ngeZifundo nakwiiNtloko zamaziko emfundo alungiselela abaviwa iimviwo zeSatifikethi seMatriki sikaZwelonke

Isishwankathelo esifutshane: *Le setyhula yazisa ngothatho-nxaxheba lwabaviwa ababhala iimviwo zeSatifikethi seMatriki sikaZwelonke zika-2016 kumsebenzi wokusayina isithembiso*

ISihloko: Uthatho-nxaxheba kumsebenzi wokusayina isithembiso esiphathelele kwiimviwo zeSatifikethi seMatriki sikaZwelonke ngo-2016

1. ISebe leMfundo esiSiseko (*Department of Basic Education* (DBE)) lenze izicelo, kwiSetyhula E23 ka-2016, sokuba abaviwa ababhalisele ukubhala iimviwo zeSatifikethi seMatriki sikaZwelonke (*NSC*) basayine isithembiso sokuzibophelela ukuba baya kuthobela imigaqo yokuziphatha kwezi mviwo (*examination code of conduct*).

2. Lo Msebenzi wokuSayina iSithembiso kaZwelonke ulungiselelwe ukuba uqhubeke nge-14 Oktobha 2016 ngo-10:00 kwisikolo ngasinye kwezo zikolo zikarhulumente zithatha inxaxheba kwiimviwo ze-NSC ngo-2015. Ziyacelwa izikolo ezizimeleyo ezibhala iimviwo ze-DBE NSC ukuba nazo zithathe inxaxheba kuMsebenzi wokuSayina iSithembiso.
3. Izikolo mazenze iikopi zeSithembiso i-NSC Examination Pledge (**IsiHlomelo A**) sinikwe umviwa ngamnye weBakala 12.

4. Izikolo mazibaxelele abafundi beBakala 12 ukuba ukusayina isithembiso ukwenza ngokuzithandela. Akukho mviwa makanyanzelwe ukuba asisayine isithembiso engafuni.

Lower Parliament Street, Cape Town, 8001
tel: +27 21 467 2895 fax: +27 21 467 9370
Safe Schools: 0800 45 46 47

Private Bag X9114, Cape Town, 8000
Employment and salary enquiries: 0861 92 33 22
www.westerncape.gov.za

5. Nge-14 Oktobha 2016 okanye ngomnye umhla ofanelekileyo, makubizwe indibano emiselweyo (formal assembly) yabo bonke abaviwa beBakala 12 njengenxalenye yokubaqhelisa nokubalungiselela ukubhala iimviwo zeNSC.

6. Ngethuba inqununu isenza intetho, abaviwa mabafundelwe imithetho yoviwo ekwicala elingaphantsi leleta yokwamkelwa ukubhala iimviwo.

7. Kufuneka kucelwe abaviwa ukuba basifunde isithembiso ngokuvakalayo, yaye emva kokuba bonke abafundi benze isithembiso, mabavunyelwe basisayine.

8. Apho kunokwenzeka, makwenziwe iikopi zezithembiso ezisayiniweyo ukwenzela ukuba isikolo sibe nokugcina ikopi njengenxalenye yeerekhodi zomviwa ngamnye.

9. Apho kungenakwenzeka ukuba kwenziwe iikopi zezithembiso ezisayiniweyo, isithembiso sentsusa (*original pledge*) masibe kumviwa we-NSC ngamnye ukwenzela ukuba asigcine kwifolda enye naleyo yeleta yokwamkelwa ukubhala iimviwo, nekufuneka zisokolo zikubaviwa de bagqibe ukubhala iimviwo ze-NSC.

10. Kucetyiswa ukuba ukusayinwa kwesithembiso (pledge) kufanele ukuba kwenziwe nakwiBakala 10 no-11 ukuqinisekisa ukubakho komgangatho ofanayo ekuqhutyweni kweemviwo kwicandelo le-Further Education and Training (FET) Band.

11. Esi Sithembiso siqhotyoshelweyo siyi-NSC Examination Pledge (isiHlomelo A) sinokutshintshwa apha naphaya ukulungiselela iBakala 10 no-11.

12. Kucelwa iinqununu ziqinisekise ukwenziwa ngokufanelekileyo komsebenzi wokusayina isithembiso ezikolweni zazo.

13. Iya kuthakazelelwa kakhulu intsebenziswano yabaviwa beemviwo ze-NSC ngo-2016 ngokumalunga noku.

ISAYINWE: NGU-BK SCHREUDER
INTLOKO EBAMBELEYO: YESEBE LEMFUNDO
UMHLA: 2016-09-24